Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## SEPTEMBA 2019

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P2

**AMANQAKU:** **70**

**IXESHA:** **2 iiyure**

Olu viwo lunamaphepha angama-32.

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwisiqulatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, yifunde le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Imibongo | (35) |

4. Landela imiyalelo ekuqaleni kweCANDELO ngaliNYE ngononophelo.

5. Phendula IMIBUZO emiBINI iyonke: umbuzo ngamNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI

   Phendula umbuzo kwincwadi yenoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA

   Phendula umbuzo kwincwadi yedrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane omaBINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO

   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo yomiBini.

6. Uluhlu lokukhangela lakukunceda.

7. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala iCANDELO ngaliNYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwiCANDELO ngaliNYE.

10. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukuba ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

**ICANDELO A: INOVELI**

**Phendula nawuphi umbuzo omNYE okwinoveli oyifundileyo.**

| INANI LOMBUZO | AMANQAKU | IPHEPHA |
|---|---|---|
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | 35 | 9 |
| | | |
| 3. *UMonwabisi* | 35 | 13 |
| | | |

**ICANDELO B: IDRAMA**

**Phendula nawuphi umbuzo omNYE okwidrama oyifundileyo.**

| | | |
|---|---|---|
| 4. *Ndiyekeni* | 35 | 17 |
| | | |
| 5. *Inzala yamaRhamba* | 35 | 21 |
| | | |

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.**

| | | |
|---|---|---|
| 6.1 *'Ndakuyicela ivuthiwe'* | 18 | 25 |
| | | |
| 6.2 *'Kanti andizenzanga'* | 17 | 27 |
| | | |

**ICANDELO D: ISIHOBE**

**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.**

| | | |
|---|---|---|
| 7.1 *'Konakele phi na mzontsundu?'* | 17 | 29 |
| | | |
| 7.2 *'Umnqayi'* | 18 | 31 |
| | | |

**ITSHEKLISTI**

**QAPHELA:** Phendula imibuzo emiBINI kumaCandelo amabini.
Phawula (√) amaCandelo owakhethileyo.

| ICANDELO | IINOMBOLO ZEMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: INOVELI<br><br>(*Kusa Kusihlwa)*<br>*(Umqol'uphandle)*<br>*(UMonwabisi*) | 1–3 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| B: IDRAMA<br><br>*(Ndiyekeni)*<br>*(Inzala YamaRhamba)* | 4–5 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| C: AMABALI AMAFUTSHANE<br><br>*('Ndakuyicela ivuthiwe')*<br>('*Kanti andizenzanga')* | 6.1 + 6.2 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| D: ISIHOBE<br><br>*(Konakele phi na mz'ontsundu)*<br>*(Umnqayi)* | 7.1 + 7.2 | 1 | |

**QAPHELA: Qiniseka ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.**

## ICANDELO A: INOVELI

Kweli Candelo kukho imibuzo esetwe kwezi noveli zilandelayo:

- Kusa Kusihlwa nguKS Bongela
- Umqol'uphandle nguMAP Ngani
- UMonwabisi nguZA Japhta

Phendula YONKE imibuzo ekwinoveli oyifundileyo.

### UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo zithatyathwe kule noveli uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye. Amanqaku awabelwe umbuzo asisikhokelo sobude obulindelekileyo bempendulo.

### ISICATSHULWA A

1.1 Funda ngocoselelo esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

> Waba soloko ukho lo msantsa mbi kangaka wada walenza ishishini lagexa. Ababukeli abanjengooNozililo babehleka kuvele nelomhlathi begcoloda besithi, "ufana umntu abe esiza nesipani sabantu ngathi kukho into ebhetele abazakuyenza. Umntu makanikele kuthi torho size kumbonisa, ayeke ukusimonela singabemi bale ndawo."
>
> Enye into awayedla ngokungavisisani ngayo nomnakwabo yinto yokuba yena Nomakhwezi wayephikele ukuthabatha izinto ezityiwayo apha evenkileni azisebenzise engadibananga noThamsanqa, kuba kaloku iincwadi le nto yayiza kuzona xa kufuneka zisongiwe ukuphela kweenyanga ezintandathu okanye unyaka. Kwakhona wayenesimbo sokusoloko wathumela iipasele zempahla nezimuncumuncu kunina emva ezithatha evenkileni engadibenanga nomanejali. Kwakusithi kwakubakho ukungangqinelani kwezinto kuqale kwayena **ukumbombozela** uNomakhwezi ngelithi:
>
> "Ewe kaloku abantu bazithandisa elokishini ngempahla yevenkile yam kuze kuthi kwakubalwa imali iwe nganeno. Ndandiyithethile ke le nto kuLungile. Uza kuyaleka ezi nkani zakhe. Into engekhe ihle yona kukuza kuphathwa ngomnye umntu emzini wam. Andiyiboni into yokuba ndibe ndixelelwa ukuba mandithi ndithi emzini wam. Nguwuphi umfazi okhe alawulwe ngezinto zomzi wakhe? Tyhini, hayi bethu thethani enye into ndinive."
>
> "Asitsho Sisi ukuba akungeyenzi into oyithandayo ngezinto zakho koko sithi bhala ezincwadini uxele ukuba uthathe ezi nezi ukwenzela ukuba iincwadi ezi zingqinelane."

1.1.1 Xela idolophu awayevela kuyo uThamsanqa? (1)

1.1.2 Khetha impendulo ibeNYE kwezi zilandelayo. Intsingiselo eziswa ligama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa yeyokuba kukho:

A ukungacengani
B ukungahloniphani
C ukungancedisani
D ukungevani (1)

1.1.3 Ngqina ukungachaneki kokusetyenziswa kwegama, ‘isipani’ ngooNozililo xa bethetha ngabancedisi abakule venkile. (2)

1.1.4 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama ‘ukumbombozela’ elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela okuphuhliswa ngulo mfanekiso-ngqondweni uwunike ku(a) (2)

1.1.5 Cacisa ukuba kutheni ulwazi olulandelayo lungeyonyani.

Akakho umntu owayenebango kule venkile kaNtsibande. (2)

1.1.6 Sityhila ntoni esi sicatshulwa ngobudlelwane bukaNomakhwezi noThamsanqa? (2)

1.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba umona lolona phawu lulikhulisileyo eli bali. (2)

1.1.8 Wayesebenza msebenzi mni uLungile? (1)

1.1.9 Xela udidi lomlinganiswa alulo uMpumelelo. Xhasa impendulo yakho ngomzekelo owucaphule ebalini. (3)

**[17]**

**KUNYE**

1.2 **ISICATSHULWA B**

Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Uphuphe ngathi uvuswa kukukhala kwesikhova athe akukroba wafika sihleli ngcu phezu kwale ndlu yabo. Uthe akusigxotha, sasuka sandanda apha enkundleni sagqibela ngokuthi ngcu phezu kwemoto yakhe. Uthe akusileqa apha sabuya saya kungena evenkileni. Uphume nesikhuni somlilo wasigibisela ngaso yasuka yantumekeka ngumlilo yonke ivenkile. Khangela ke ukuziphosa kuyo ezama ukusindisa impahla encediswa ngabantu.

Ithe yakungena inkosikazi suka lwavaleka ucango olu lukhulu batshixeleka ngaphakathi. Batsha. Uthe etoshatosha ezama ukuvula suka waphaphama kanti sekusile kwaye kusemini. Eli phupha ulixelele uYolisa, noThamsanqa ufike wamxelela ukufika kwakhe ukusuka emzini wakhe. Umntu ongakhange axelelwe yimazi le kuba kaloku ibisesisifu.

Le ngxabano yabo yeveki ephelileyo yavakala ebantwini ngokubanzi kuba kaloku umphembi wayo wakha wazihambahambisa ukuza kuva ukuba izele nkomo ni na. Uthe akuhletyelwa yitshomikazi yakhe le, <u>wayisasaza ngakumbi elokishini</u>. Le nto yenze ukuba uninzi lwabantu lonqene ukuza kule venkile ngenxa yokoyikiswa kwanguNozililo lo ngelithi uMaDlamini uporhela wonke ubani, ingakumbi izihlobo zikaLungile noThamsanqa.
Ngale mini yangoMgqibelo bekuza kuyiwa eStanger kwisizalwane sabo. Injongo yolu hambo yayikukuya kubonisana nesi sizalwane ngombandela wokudibanisa amaJwarha ngokubanzi ukuze kuqulunqwe inyewe yokwenziwa kwetheko lokutyhila ilitye likayise kaLungile ndawonye nelikayisemkhulu.

1.2.1 Xela esona sizathu esasibangele ukuba uNomakhwezi angaxelelwa nto ngephupha likaLungile. (2)

1.2.2 Bonisa ukuba umbhali uwudale njani umoya wonxunguphalo kwesi sicatshulwa singentla. (2)

1.2.3 (a) Loluphi olu phawu lukaNozililo luvezwa yinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)

(b) Lube luncedo njani kuNozililo olu phawu uluxele kuMBUZO 1.2.3 (a)? (2)

1.2.4 Matanisa inqanaba lesakhiwo sebali elikuKHOLAM B kunye nenkcaza ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kwaziswa indawo, ixesha nabalinganiswa bebali. | (i) uvuthondaba |
| (b) Amacala amabini ayasukuzana, izibilini ziphezulu, kuf'ayayo. | (ii) ithambeka |
| (c) Izithole zempixano ziyakhula, iziganeko ziya zinyukela ngokunyukela. | (iii) Inqanaba lojiyo |
| | (iv) ingabula-zigcawu |

(3)

1.2.5 Khankanya ulwazi olusixelela ukuba isimo sentlalo esivela kwesi sicatshulwa sesamaxesha okhanyo. (2)

1.2.6 Nika zibeMBINI iindidi zokuzotywa kwabalinganiswa ebalini. (2)

1.2.7 Saba yintoni isiphelo sikaNtongana kweli bali? (2)

1.2.8 Ludidi luni lwenoveli olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[18]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**

## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – MAP Ngani

### 2.1 ISICATSHULWA C

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Igorha elivunyiweyo lomcuphi likhe labuthingaza, lingaqondi nokuba koba bubulumko na ukungena ngaphakathi. Uthe makakhe avule ucango, aphulaphule.
Ingxolo eyayilapho! Yayiyingxokolo nje – ingamazwi adokodoko nenzwinini yamazwi atswinayo; iyintsini engathi iphuma kubantu abaphungulekileyo; ingumdudo wamasele ngokwenene, kuculwa iingoma ezingadibaniyo. <u>Yavuka yema ngeenyawo intaka kumfo kaHlobo.</u>
Ngelinini, uzinikele umf'omkhulu. Uthe ukungena, wanga uyadutyulwa, ngelakhe esithi uqweba isibindi. Ugangwe esangena **lifuqasi elibi levumba lotywala** elimtsarhe kwanzima ukuhambela phambili.

Kwakucacile ukuba ungene endlwini ehlanganise iingedle zodwa. Isisi seenqawa nemidiza sasisesidale iingqimba zamafu azulazula ngokungathi aswele indawo angazinza kuyo kuloo ndlu imoya ufume wada wanomnyama ngenxa yokukhanya okuluzizi kwesibane esasilwilwizela esazulwini, entungo.
Uthe esajongene naleyo kwangenelela isiyezi esatsho zacim'izibane kuye, kwee lwili, akabona. Yazula intloko sisizunguzane. Ukhawuleze wabila, wafuthela phezulu kukuphelelwa ngumoya; wagxadazela. Ulinge ukuhambela phambili, engazimisele nakancinci ukuziyekela kuloo meko. Wayenalo nethemba lokuba wode emzuzwini aqhelane nayo. Kuthe kanti uyaziqhatha njalo.

Elokuqala nelesibini inyathelo limlungele. Kwelesithathu nelesine, ugileke entweni ngenxa yoko kufathuzela kwakhe; yaphothana imilenze. Yeka ke ukuya kulima phantsi ngobuso, ebetheka ngendlela emasikizi kuloo mgangatho ulukhuni wamaplanga! Indlu ivungame yonke yintsini. Kanti bengaqondi nje abanye, uphumile yena uhili ezingcongolweni.

2.1.1 Xela igama lale ndawo wayengena kuyo uHlobo. (1)

2.1.2 Khetha impendulo ibeNYE kwezi zilandelayo. Intsingiselo eziswa yinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa yeyokuba uHlobo:

A wayecaphuka.
B wayexakiwe.
C wayediniwe.
D wayesoyika. (1)

2.1.3 Ngqina ukuba kuchanekile ukusetyenziswa kwebinzana, 'ingumdudo wamasele' xa kubhekiswa kule ndibano akuyo uHlobo. (2)

2.1.4 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa yinkcaza ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa, 'ifuqasi elibi levumba lotywala'. (1)

(b) Xela okuphuhliswa ngulo mfanekiso-ngqondweni uwunike kuMBUZO 2.1.3(a) (2)

2.1.5 Cacisa ukuba kutheni ulwazi olulandelayo lungeyonyani.

Umququzeleli wale ndibano akuyo uHlobo nguEddie Maga. (2)

2.1.6 Sityhila ntoni esi sicatshulwa ngesakhono sikaHlobo sokuphanda? (2)

2.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba ukunyoluka lolona phawu lulikhulisileyo eli bali (2)

2.1.8 Wayesebenza msebenzi mni uDuma Hlelo? (1)

2.1.9 Xela udidi lomlinganiswa alulo uLinda Monti kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)
**[17]**

**KUNYE**

## 2.2 ISICATSHULWA D

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Wanga uphambene uHlobo kwakufikwa kwindawo ethetha nge*tape recorder.* Ukhangele umhla owawenziwe ngawo lo myolelo; wawenziwe kwisithuba seenyanga ezintlanu phambi kokuba afe.
Watyondyotha ebulela kuMhle, wathi ephuma apho kuloo ofisi, yabe intloko yakhe seyizele ngooquhe noobhoqo. "Lo mshini uyinto ngobunto bayo. Kunjalo nje andisayi kuphumla ndingawufumananga. Ingxaki ke yile: uphi? "Kuthiwa uselugcinweni oluthembekileyo. Kuphi ke apho? Kofuneka ndithi ekuncameni kwam, ndibhenele kuLinda kuba kuthiwa nguye oya kuyazi loo ndawo. Okwangoku makhe ndifunise kule mizi igcinwe kuyo imali kaEddie, ngakumbi eAll Safe Bank apho kuthiwa kukho ubuvilikitshana bempahla." NguHlobo ke lowo wayecinga njalo. Uthe akuphuma kwezo ngcinga, wayibetha yancinci imoto yakhe ukusinga eAll-Safe Bank.

Uthe ebungezelelwa apho ligatyana lomfana oqhele ukwamkela imali kwinkoliso yabantu abafika bame phambi kwaloo tafile yebhanki, wabe yena uHlobo efuna iofisi yemanejala. Wonde ngayo akuyiboniswa.
"Mna mhlekazi ndinguHlobo, umcu ..."
Unqumle omnye esephakathi: "Ow hayi, ndiyakunakana ngoku. Yiza sibambe." Babambana ngezandla sebehleka, bencokola ngezezulu namahla ndinyuka omhlaba. Kaloku uHlobo lo wayesaziwa ngokubanzi kuloo dolophu yaseMonti, ngakumbi ngesigigaba sikaEddie noLulama.
"Ndingakunceda ngantoni ke Dick?"

2.2.1 Xela esona sizathu esasibangele ukuba uHlobo andwendwele kulo mzi akuwo ngokwesicatshulwa. (2)

2.2.2 Bonisa ukuba umbhali uwudale njani umoya wonxunguphalo kwesi sicatshulwa. (2)

2.2.3 (a) Luluphi olu phawu lukaHlobo luvezwa yinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi? (1)

(b) Khankanya imeko apho uHlobo athe wancedwa lolu phawu uluxele kuMBUZO 2.2.3 (a). (2)

2.2.4 Matanisa inqanaba lesakhiwo sebali elikuKHOLAM B kunye nenkcaza ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kwaziswa indawo, ixesha nabalinganiswa bebali. | (i) uvuthondaba |
| (b) Amacala amabini ayasukuzana, izibilini ziphezulu, kuf'ayayo. | (ii) ithambeka |
| (c) Izithole zempixano ziyakhula, iziganeko ziya zinyukela ngokunyukela. | (iii) Inqanaba lojiyo |
| | (iv) ingabula-zigcawu |

(3)

2.2.5 Khankanya ulwazi olusixelela ukuba isimo sentlalo esivela kwesi sicatshulwa sesamaxesha okhanyo. (2)

2.2.6 Nika zibeMBINI iindidi zokuzotywa kwabalinganiswa ebalini. (2)

2.2.7 Saba yintoni isiphelo sikaThembisa Ntlokonkulu kweli bali? (2)

2.2.8 Ludidi luni lwenoveli olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[18]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

**OKANYE**

## UMBUZO 3: UMONWABISI: ZAMA A. JAPHTA

## ISICATSHULWA E

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Into yokusoloko echebe inkqayi yakhe yafuna ukumbalekisela ngabathengi, iintshaba zakhe ziyenza into enkulu loo nto. Babemtyhola ngokutsiba, besithi ukhe abonwe ebusuku ehamba phakathi kwaloo masimi akhe ayechume kunene, eze. Bafuna ukuqiniseka, babone nokuxhela kwakhe qho ngeempela-veki exhelela abo basebenzi kunye nabathengi kwakhe, besithi yinyoka yakhe leyo ifuna igazi lezo zilwanyana wayezixhela. Babesitsho futhi ukuba loo nyoka yakhe iya kuze imjikele imini ibe nye apho iya kufuna igazi lenzala yakhe. Kanti babemsukela nje kuba elona chiza lakhe yayikukuthanda exabise abo bantu babethenga apho kwakhe. Yayinguye yedwa kwezo venkile zezo lali **owayethwala** agoduse imithwalo yabathengi bakhe ngaphandle kwentlawulo. Ikwanguye kuphela owayethwala loo maxhego namaxhegokazi enkamnkam ngenqwelo yakhe ewazisa ekwamkeleni aphinde awagoduse. Yayikwanguye nothi awanike ngetyala mhla iphelileyo loo mali yenkamnkam ingekhoyo.

Ngaphezulu kwezo zinto azenzela abo bantu amaxabiso akhe ayefikeleleka. Zonke ke ezo zibele zakhe zazibasithele abo babengamfuni ngenxa yokummonela. Kodwa ezo nzame zabo zokumenyelisa zaphanza, azakhe zitsho ukumtyhafisa uThandabantu. Endaweni yokudodobala, ishishini lakhe lasuka lakhula ngokukhula. Ngenxa yokuvunywa kwakhe yimfuyo wavula isilarha apho edolophini kuTsolo…

3.1.1 Xela igama lendawo eyayikuyo le venkile kaThandabantu. (1)

3.1.2 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zilandelayo. Intsingiselo eziswa libinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa yeyokuba kwakusithiwa uThandabantu

A uyathandaza.
B uyathatheka.
C uyathambisa.
D uyathakatha. (1)

3.1.3 Ngqina ukuba kuchanekile ukusetyenziswa kwegama, 'iintshaba' xa kuchazwa abathengi bakwaThandabantu. (2)

3.1.4 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama 'owayethwala' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela okuphuhliswa ngulo mfanekiso-ngqondweni uwunike kuMBUZO 3.1.4(a) (2)

3.1.5 Cacisa ukuba kutheni ulwazi olulandelayo lungeyonyani.
Unyana kaThandabantu watyiwa yinyoka kayise wasweleka. (2)

3.1.6 Sityhila ntoni esi sicatshulwa ngesakhono sikaThandabantu sokuqhuba ishishini? (2)

3.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba ukunyamezela impatheko-mbi lolona phawu lulikhulisileyo eli bali. (2)

3.1.8 Wayesebenza msebenzi mni uSamkelo Zangone? (1)

3.1.9 Xela udidi lomlinganiswa alulo uThandabantu. Xhasa impendulo yakho. (3)
**[17]**

**KUNYE**

3.2 **ISICATSHULWA F**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Eyona nto yayibambe umdla kaMamTolo yayingabantwana bakhe, ikakhulu amantombazana la, hayi ke waye <u>ewakokosile</u> ejonge yonke into enxulumene nawo. Kaloku wayenenjongo eziphezulu kakhulu ngawo, ezimisele ukuba bakunqandwa ziinkwenkwezi njengoko amandla oko babenawo nomyeni wakhe. Inkolelo yakhe yayiyile yokuba kufuneka abantwana abaxabise ngokubenzela yonke into, ukuze bakubone ukuxabiseka kwabo bangenzi nantoni na.
Kwakufuneka kwa-abahlobo babo ibe ngabantwana babantu abanenkqubela, ukuze nezinto abazenza bonke zibe zezakhayo. Apho elalini eNtshiqo akazange abone bantu bafanelwe kukubizwa njengabanenkqubela uMaMtolo. Abantwana bakhe babefanele kukuqhelana nabaloo manesi asebenza esibhedlele eNgcolosi, kunye nabomfundisi lo wayehlala emishini apho kwaseNgcolosi. Wazimisela uMamTolo ukuba abantwana bakhe baya kuzibonakalisa ukuba baphuma kwikhaya elinjani ngokuziphatha, ngesinxibo, ngesimilo nangentetho ephuma emlonyeni wabo. Ngexesha lobuntombi bakhe eBhayi wayekhe aphume phambili kukhuphiswano loonobuhle. Ezo mpembelelo nobuhle bakhe zazisabonakala kuye noxa wayesele emdala ngoku. Wawungafika ebehlisa ebanyusa aba bantwana bakhe ebafundisa ukuziphatha phakathi kwabantu.

Indlela yokuhamba, eyokuthetha, eyokuhlala nditsho mna neyokukhwela nokwehla kwenenekazi emotweni, zizinto awayeye azibethelele kula mantombazana akhe. Wawungamva xa ahlasimlayo, wothuke ucinge ukuba kukho into embi kunene ayibonileyo, kanti hayi ukhalimela nje indlela engenamfaneleko anxibe ngayo omnye waba bantwana.

3.2.1 (a) Luluphi olu phawu lukaMamTolo luvezwa yinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (1)

(b) Khankanya imeko apho uMamTolo athe waphoxeka khona ngenxa yolu phawu uluxele kuMBUZO 3.2.1 (a). (2)

3.2.2 Xela esona sizathu esasibangela ukuba uMamTolo abakhethele abahlobo abantwana bakhe. (2)

3.2.3 Bonisa ukuba umbhali uwudale njani umoya wonxunguphalo kwesi sicatshulwa. (2)

3.2.4 Matanisa inqanaba lesakhiwo sebali elikuKHOLAM B kunye nenkcaza ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kwaziswa indawo, ixesha nabalinganiswa bebali. | (i) uvuthondaba |
| (b) Amacala amabini ayasukuzana, izibilini ziphezulu, kuf'ayayo. | (ii) ithambeka |
| (c) Izithole zempixano ziyakhula, iziganeko ziya zinyukela ngokunyukela. | (iii) Inqanaba lojiyo |
| | (iv) ingabula-zigcawu |

(3)

3.2.5 Khankanya ulwazi olusixelela ukuba isimo sentlalo esivela kwesi sicatshulwa sesamaxesha okhanyo. (2)

3.2.6 Nika zibeMBINI iindidi zokuzotywa kwabalinganiswa ebalini. (2)

3.2.7 Saba yintoni isiphelo seentombi zikaRhadebe esikolweni? (2)

3.2.8 Ludidi luni lwenoveli olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO B: IDRAMA

## UMBUZO 4: NDIYEKENI – DM Jongilanga

### 4.1 ISICATSHULWA G

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| | *(Kusuku olulandelayo ngorhatya, kungena uNdila endlwini kaFuneka Matiwane kwa-N.U.3. Ufike uFuneka eyedwa lingekho iqabane lakhe uZanele Nxusani.)* |
| NDILA: | Funie girl! (*Ebulisa)* |
| FUNEKA: | Hallow Dicksie. Uyazi ukuba kule mihla usuke wanqaba wachasela okwethamsanqa. <u>Inene ndibe uphindele esuthwini.</u> |
| NDILA: | Kanene ufane uthethe wena. Uyandihleka kuba ndiphelelwe emsebenzini? Ngenye imini uya kuze uqonde ukuba ubomi ngumxube wezothuso namayeyeye. |
| FUNEKA: | Hayi wethu, musa ukulixhoma epalini iswili lakho. Asinto esiya kulala sitye yona leyo. Into elungileyo kukufuna umqolomba **ungene** kuwo ngexesha lezothuso uphume ngexesha leziqabu. |
| NDILA: | Kungenzeka ukuba ndize kungena komnye. |
| FUNEKA: | Ulumke hlez’uthi kanti lo sowubhudl’umoya. |
| NDILA: | Noko andicingi ukuba ndingashiywa nanguwe enyanyeni. Uncedo lufumaneka kwabasemzini kunabasekhaya. |
| FUNEKA: | Ukuba ufuna imali utsho ebhatyini mtshana. |
| NDILA: | Kuwe imali yinto yonke and like all gold diggers, you will fold up your tent and desert a gold mine that has given you comfort and position when its yield ceases to be of commercial value. |
| FUNEKA: | Hayi wethu ndiyaqhula. |
| NDILA: | Uyaqal’ukuthetha. Uyayazi into yokuba ndiphelelwe emsebenzini kwaye ndicinga ukuba uyazazi nezizathu. |
| NDILA: | Lilonke? |

4.1.1 Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwale ngxoxo. (1)

4.1.2 Khetha impendulo ibeNYE kwezi zilandelayo. Intsingiselo eziswa libinzana elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa yeyokuba uNdila:

A akasathethi
B akasaseli
C akasaphangeli
D akasabonakali (1)

4.1.3 Ngqina ukuba kuchanekile ukusetyenziswa kwentetho ethi, 'uncedo lufumaneka kwabasemzini kunabasekhaya' xa uNdila efuna ukuncedwa nguFuneka. (2)

4.1.4 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa ligama 'ungene' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela okuphuhliswa ngulo mfanekiso-ngqondweni uwunike kuMBUZO 4.1.4 (a) (2)

4.1.5 Cacisa ukuba kutheni ulwazi olulandelayo lungeyonyani.

UNdila akazange abuye aphangele akuba emkile eNobutho. (2)

4.1.6 Sityhila ntoni esi sicatshulwa ngesakhono sikaFuneka sokuthanda imali? (2)

4.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba impindezelo lolona phawu lulikhulisileyo eli bali (2)

4.1.8 Wayesebenza msebenzi mni uSammy Maziko? (1)

4.1.9 Xela udidi lomlinganiswa alulo uMawonga. Xhasa impendulo yakho. (3)
**[17]**

**KUNYE**

## ISICATSHULWA H

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| | *(UMawonga uviwa ethetha yedwa: "Yintoni kanye? Suka khwelel'endleleni, wafa nguMawonga – hehe-he! Kutheni na? Uthini na? Hayibo! Andiyi apho." (Angene)* |
| | Yintoni kufe bani? Nazalisa indlu?<br>(*Cwaka)* |
| | O! Yini kodwa? Yintoni Mawonga mntwanam?<br>O! Nkosi ya-am *(Elila)* |
| NOMASOKA: | Yintoni kodwa mama? Su-ukuzikhathaza ngam. Ndone bani? Thandie khawutsho mfazi, ndone bani? |
| RAY: | Akonanga mntu, tu, qha nje sivelana nawe. |
| MAWONGA: | O! Le ntlanganiso ingam? |
| RAY: | Ukuba yintlanganiso ngubani owasemzini apha Lawu? |
| MAWONGA: | Kunjalo kungenjalo, niqhele ukuba lapha, ngeli xesha? Nibizwe ngubani apha? |
| RAY: | Mfondini! Akusekho kuncwela fosilarha ngoku, kuba nawe usidlwengule. Khawumamele sithethe nawe. Umntu akazange azibone konakala kwathini na, ubonwa ngabanye. |
| MAWONGA: | Ndonakaliswe yintoni? |
| NOMASOKA: | Hayi mntwanam, siphulaphule nokuba akuzi kwenza nto ngaloo nto. |
| RAY: | Mfo kabawo, usapho lwakho uluhlalise bunyembezana. Ibiyinto enani na le uyithanda ngaphezu kosapho lwakho? Akutshiwo ukuba sukutya ukutya okuthandayo, kodwa funda ukuzilinda nokuzilinganisela. Waqala kakuhle, wagqibela ngamabibi. |
| MAWONGA: | Uyagalela mfo kabawo kodwa ke nomlambo ukusuka kwawo elisweni uphala kuhle uphilisa ubuye elwagcibeni utyekeza iingodo namabibi. Ndiyekeni mna, ndiye-keni. |
| NOMASOKA: | Ukhe ayekwe na umntu kusonakala? Yintoni mntanam Mawonga? Kwasa kwahlwa sithetha nawe? Uya kude uve liphi? |

4.2.1 (a) Luluphi olu phawu lukaMawonga luvezwa yinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (1)

(b) Khankanya imeko apho uMawonga athe wangena engxakini ngenxa yolu phawu uluxele kuMBUZO 4.2.1 (a) (2)

4.2.2 Xela esona sizathu sale ndibano ikwisicatshulwa. (2)

4.2.3 Bonisa ukuba umbhali uwudale njani umoya wonxunguphalo kwesi sicatshulwa. (2)

4.2.4 Matanisa inqanaba lesakhiwo sebali elikuKHOLAM B kunye nenkcaza ekuKHOLAM B.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kwaziswa indawo, ixesha nabalinganiswa bebali. | (i) uvuthondaba |
| (b) Amacala amabini ayasukuzana, izibilini ziphezulu, kuf'ayayo. | (ii) ithambeka |
| (c) Izithole zempixano ziyakhula, iziganeko ziya zinyukela ngokunyukela. | (iii) inqanaba lojiyo |
| | (iv) ingabula-zigcawu |

(3)

4.2.5 Khankanya ulwazi olusixelela ukuba isimo sentlalo esivela kwesi sicatshulwa sesamaxesha okhanyo. (2)

4.2.6 Nika zibeMBINI iindidi zokuzotywa kwabalinganiswa ebalini. (2)

4.2.7 Saba yintoni isiphelo sikaFuneka ebalini? (2)

4.2.8 Ludidi luni lomdlalo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[18]**

**AMANQAKU EWONKE: 35**

## UMBUZO 5: INZALAYAMARHAMBA – M. MLOKOTI

### 5.1 ISICATSHULWA I

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| | *(Namhlanje uThambolenyoka ubambe intlanganiso nabafazana abahlanu abamsebenzelayo uNomhase, uNoyongo, uKuku, uNozigoci noNozici.)* |
| NYOKA: | (*Echophe esitulweni, ngaphaya kwetafile yakhe ye-ofisi.)* Bhotani manenekazi! |
| BONKE: | (***Bethe zukuva*** *ezisofeni ezigudle udonga)*-Molo Mlungu. |
| NYOKA: | Ndiyathemba nonke niphilile. Akunjalo? |
| BONKE: | Hayi siphilile Mlungu. |
| NYOKA: | Jongani zinzwakazi, kufuneka kusetyenzwe mpela ngoku. Singena kuDisemba kaloku. Siyavana? |
| BONKE: | Siyakuva Mlungu. |
| NYOKA: | NguDisemba ngoku, ayabuya amajoyini, umsebenzi kufuneka ubonakale. Andizokubakho yonke le veki, ndizakuba seMthatha. Niyandiva? |
| BONKE: | Ewe siyakuva Mlungu. |
| NYOKA: | Kuyasetyenzwa phaya, laa manenekazi awahlelanga phezu kwezinqe zawo phaya, ayanyakaza. Niyandiva? |
| | (*Aphakame esitulweni akhwexe ibhulukhwe ajikele aze kuchopha phezu kwetafile ejonge kubo. Ethetha nangezandlana.)* |
| BONKE: | Siyakuva Mlungu. |
| NYOKA: | Kulungile ke, nani kweli cala sebenzani, mandithi ndibuya kule veki izayo kube kucaca, andifuni kuva enye into ukubuya kwam. Into esiyenzayo sakha ubutyebi apha. Ubutyebi bakhiwa ngeendlela ngeendlela. Eyethu yile. |
| BONKE: | *(Bendwanyile, buxakwa)* - Siyakuva Mlungu |
| NYOKA: | Ewe kunjalo. Sakha ubutyebi ngoku. Ubutyebi bakhiwa ngeendlela ngeendlela. Ukuba ungabuza nokuba kukubani na osisityebi, nowaziyo ukuba ubutyebi bakhiwa njani na uyakukuxelela, ukuba iindlela zokwakha ubutyebi azifani njengoko nazo izityebi zinjalo. Eyethu yile. |
| NOYONGO: | (*Eqavile, ephakamise ishiya elinye lasekunene)* Ewe kona kunjalo Mlungu. |

| | |
|---|---|
| NYOKA: | Ewe kunjalo kakade. Kaloku aba bantwana bahleli bezakuba namadoda kakade. Ukuba asibaniki apha bahleli beza kuwafumana phaya phandle kakade. Yintoni umahluko? |
| NOYONGO: | Hayi awukho Mlungu. |
| NYOKA: | Awukho kakade. Umahluko nje mnye: Apha abaneli nje kukufumana amadoda kuphela, koko siyabahlawula, yaye sakha nobutyebi. (*Ephethuka ejonga ekhohlo).* Wena Noyonyo, kuqhubeka ntoni? Ubundithembisile, uphi laa mntwana? |

5.1.1 Xela indawo eliqhubeka kuyo ibali ngokwale ngxoxo. (1)

5.1.2 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zilandelayo. Kule ntlanganiso uNyoka ufuna ukuba abasebenzi bakhe:

A balobe imali
B balobe ubutyebi
C balobe amadoda
D balobe amantombazana (1)

5.1.3 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa libinzana, 'bethe zukuva' elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela okuphuhliswa ngulo mfanekiso-ngqondweni uwunike kuMBUZO 5.1.3 (a) (2)

5.1.4 Ngqina ukuchaneka kokusetyenziswa kwegama elithi, 'zinzwakazi' xa uNyoka efuna ukuncedwa ngaba bafazana. (2)

5.1.5 Cacisa ukuba kutheni ulwazi olulandelayo lungeyonyani.

UKuku wanikezela ngobungqina obabumbambisa uNyoka. (2)

5.1.6 Sityhila ntoni esi sicatshulwa ngesakhono sikaNoyongo sokunyolukela imali kulo mdlalo? (2)

5.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba ukuxhatshazwa kwamabhinqa lolona phawu lulikhulisileyo eli bali. (2)

5.1.8 Wayesebenza msebenzi mni uGxalaba kweli bali? (1)

5.1.9 Xela udidi lomlinganiswa alulo uThambolenyoka. Xhasa impendulo yakho. (3)
**[17]**

**KUNYE**

5.2 **ISICATSHULWA J**

Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

| | |
|---|---|
| | *(Kuthe kusenjalo kwangena uThambolenyoka ehamba namadoda amabini abangawaziyo, wamela qelele wathetha nawo into abangayivayo. Emva koko wegqitha waya kungena nawo kwigumbi elingasemva.)* |
| NYOKA: | Jongani madoda, lo mntwana nguye lowa ungqongwe **zeziya zitunxa zithathu zabafazi.** |
| MKHEFA: | Simbonile Skhulu. |
| SDOKHWE: | Yha siyambona Skhulu. |
| NYOKA: | Maze kuthi kanti kunjalo. |
| MKHEFA: | Hayi kunjalo Skhulu. |
| NYOKA: | Jongani madoda, ndinithembile, ningandiphoxi. Ndifuna ukwazi yonke into ngalo mntwana: inqwelo-mafutha ahamba ngayo, igama lakhe, nalapho ahlala khona. Niyandiva? |
| SDOKHWE: | Kuyavakala Skhulu, kulula konke. Yonke loo nto Skhulu uza kuyifumana kwanamhlanje. |
| NYOKA: | Kulungile ke. Mkhefa, biza eziya zitunxa zithathu zabafazi zize apha. |
| MKHEFA: | (*Aphume abuye nabo)* Naba Skhulu. |
| NYOKA: | Khanitsho, nenza ntoni nina phaya? |
| NOYONGO: | Hayi Mlungu besisa ... |
| NYOKA: | Hlalani phantsi! Hlalani phantsi maan. Nibe nithe bhungxe nje. Hlalani phantsi! Uthi benisathini? |
| NOYONGO: | Besisangcambazisa laa mntwana Mlungu. |
| NYOKA: | Mnxim! Yinto ebeniyithunywe ngubani leyo? Hhe! ... beniyithunywe ngubani loo nto? |
| Bobathathu: | (*Bejika bejongana bemangele)* Nguwe Mlungu. |
| NYOKA: | Bendinithume loo nto mna? Bendikhe ndathi kuni yiyani kungcambazisa laa mntwana? |
| Bobathathu: | (*Besajongene bexakiwe)* |
| NYOKA: | Ubhululu wenu ufile, uhlatywe ngencula ngumntu eningamaziyo, nina nilibele kukundixelela ukuba niyangcambazisa. Khona, niyangcambazisa, niyangcambazisa, ningcambazisa ntoni? |

5.2.1 (a) Luluphi olu phawu lukaNyoka luvezwa yintetho yakhe ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)

(b) Khankanya imeko apho uNyoka athe wangena engxakini ngenxa yolu phawu uluxele kuMBUZO 5.2.1 (a). (2)

5.2.2 Xela esona sizathu sale ndibano ikwisicatshulwa. (2)

5.2.3 Bonisa ukuba umbhali uwudale njani umoya wonxunguphalo kweli bali. (2)

5.2.4 Matanisa inqanaba lesakhiwo sebali elikuKHOLAM B kunye nenkcaza ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | | KHOLAM B | |
|---|---|---|---|
| (a) | Kwaziswa indawo, ixesha nabalinganiswa bebali. | (i) | uvuthondaba |
| (b) | Amacala amabini ayasukuzana, izibilini ziphezulu, kuf'ayayo. | (ii) | ithambeka |
| (c) | Izithole zempixano ziyakhula, iziganeko ziya zinyukela ngokunyukela. | (iii) | inqanaba lojiyo |
| | | (iv) | ingabula-zigcawu |

(3)

5.2.5 Khankanya ulwazi olusixelela ukuba isimo sentlalo esivela kwesi sicatshulwa sesamaxesha okhanyo. (2)

5.2.6 Nika zibeMBINI iindidi zokuzotywa kwabalinganiswa ebalini. (2)

5.2.7 Saba yintoni isiphelo sikaThambolenyoka ebalini? (2)

5.2.8 Ludidi luni lomdlalo olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula YONKE imibuzo ekwibali elifutshane olifundileyo.

### UMBUZO 6

Funda ezi zicatshulwa zilandelayo ezithatyathwe kumabali amaBINI uze uphendule imibuzo esetwe kwisicatshulwa ngasinye.

6.1 **NDAKUYICELA IVUTHIWE – LL NGEWU**

**ISICATSHULWA K**

Into emophuleyo uMaVumisa kuxanduva lokukhulisa abantwana ababini ibe kukubonwa kukaNokwanda lisoka. Mhla uNokwanda wahlebela unina ukuba kukho tsha-ntliziyo lithile elimbone ukuba angangumfazi, wavuya uMaVumisa wabulela kuNokwanda esithi ukwanda kwaliwa ngumthakathi. Amadoda akwaNdlambe azamile ukuyikhaba ngawo omane into yokwenda komntwana esemncinci engekahlanganisi neminyaka elishumi elinesihlanu, koko kwabonakala kumadoda akwaNdlambe ukuba apha kuMaVumisa noNokwanda asenga nje iimazi ezikhabayo. Umfazi nentombi yakhe batyhale ngesifuba bengafuni nokuva. Into yokwenda kwale ntombi imncede kakhulu uQolwana kuba ibiyimhemhe yakhe ukondla nokufundisa aba bantwana nakuba ebengahlawulwa kuyaphi eThekwini.

Akuhambanga xesha lide uNokwanda elishiyile ikhaya lakhe, uQolwana wazifunela umfazi. Intombi le ibihlala nonina eThekwini. UQolwana ufikile kowabo ngeny'imini ehamba nomfazi wakhe. Wavuya unina akuqonda ukuba ukumka kukaNokwanda akuvulanga sikhewu. Umfazazana wenzelwe utsiki, abizwa namadoda akwaNdlambe ukuba aze kuzimasa itheko. Ukuba ibingekho inyama ingxolo ngeyithande ukuba qatha,koko angxolile la madoda ukuba abanjiswe into esinqeni engayazi nokuba ibiqale kanjani na. Amaqatha enyama enza ukuba amadoda akhe aqwalasele ephambi kwawo asele umhluzi, axole. Into ekhe yawaphazamisa kukufumanisa ukuba ezinye iinkomo zekhazi likaNokwanda zathengiswa ngeenjongo zokulobola umntwana waseThekwini.

**KUNYE**

6.1.1 Yintoni ekhokelele ekubeni uMaVumisa abakhulise eyedwa abantwana bakhe? (1)

6.1.2 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zilandelayo. Itshantliziyo ekuthethwa ngalo kweli bali:

A lalingamfuni unina wentombi
B lalikrokrelwa ngunina wentombi
C lalicatshukelwa ngunina wentombi
D lalithandwa ngunina wentombi (1)

6.1.3 (a) Nika umfanekiso-ngqondweni oziswa libinzana, **'ukuyikhaba ngawo omane'** elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

(b) Xela okuphuhliswa ngulo mfanekiso-ngqondweni uwunike kuMBUZO 6.1.3 (a). (2)

6.1.4 Ngqina ukuchaneka kokusetyenziswa kwenkcaza ethi, 'wazifunela umfazi,' xa kubhekiselele kwinkqubo yokuthathwa komfazi kaQolwana kweli bali. (2)

6.1.5 Cacisa ukuba kutheni ulwazi olulandelayo lungeyonyani. UMavumisa nomolokazana wakhe babethandana kakhulu. (2)

6.1.6 Sityhila ntoni esi sicatshulwa ngenkolelo yamadoda akwaNdlambe? (2)

6.1.7 Ngqina ngeengongoma eziMBINI ukuba iinkani lolona phawu lulikhulisileyo eli bali. (2)

6.1.8 Yathiywa igama elithini le ntombi yaseThekwini ngamaNdlambe? (1)

6.1.9 Xela udidi lomlinganiswa alulo uQolwana kweli bali. Xhasa impendulo yakho. (3)
**[17]**

**KUNYE**

6.2 **KANTI ANDIZENZANGA – LL NGEWU**

**ISICATSHULWA L**

Le nkewu yasuka yangenwa ngumkhwa othande ukuwothusa umzi waseSikhobeni ngokubanzi. Lo mfo uqale ngokugqobhoza iindlebe zakhe. Isimbo samadoda agqobhozileyo besingothusi kuyaphi kumadoda angayanga sikolweni kuba kaloku ebekho nje kanobom amadoda anxiba amacici kule lali, ngokungakumbi amadoda asebenza emgodini. UMntuyedwa yena akanxibanga nje amacici aqhelekileyo emadodeni, koko lawo ayokozelayo anxitywa ngabantu basetyhini. Kuthe kusajongwe leyo, woluka iinwele zakhe lo mfo waqaba nemilebe yomlomo wakhe bomvu.

Olu nyawo lwenze ukuba kukhe kubizwe imbizo komkhulu ngenjongo yokukhalimela le meko. Ubizelwe komkhulu uMntuyedwa, wayalwa ngamadoda elali ukuba ahlukane nezimbo zobufazi. Ubuzwe imibuzo ethande ukumothusa ebengayilindelanga noko kubantu abangabazali. UMfihlelo, enye yala madoda, ukhe wamcothozisa lo mfo embuza ngelithi, "Khawutsho ke mfo wam, ukuba ubunendlela yokuzikhethela phakathi kobudoda nobufazi ubungakhetha yiphi kwezi zinto zimbini?" "Mna, bawo, bendingazikhethela ukuba ngumntu wasetyhini". Uphendule ngolu hlobo umfo kaXhalabile kubonakala ukuba yonke le nto uyibethisa ngomya. Amadoda ajonge phantsi adumzela kubonakala ukuba uyavungama umzi. Imbizo imkhulule uMntuyedwa ukuba makagoduke alindele isigqibo samadoda. Ukhe wathalalisa efuna ukuqonda ukuba ngaba uphendule ngendlela engafanelekanga na, koko amadoda athe anelisekile gqitha luhlobo aphendule ngalo.

6.2.1 (a) Luluphi olu phawu lukaMntuyedwa luvezwa yinkcaza yamacici akhe '**ayokozelayo'** ebhalwe ngqindilili kwisicatshulwa? (1)

(b) Khankanya imeko apho uMntuyedwa athe wangena engxakini ngenxa yolu phawu uluxele kuMBUZO 6.2.1(a). (2)

6.2.2 Xela esona sizathu sokubizelwa kukaMntuyedwa embizweni ngokwakwisicatshulwa. (2)

6.2.3 Bonisa ukuba umbhali uwudala njani umoya wonxunguphalo kwesi sicatshulwa. (2)

6.2.4 Matanisa inqanaba lesakhiwo sebali elikuKHOLAM B kunye nenkcaza ekuKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Kwaziswa indawo, ixesha nabalinganiswa bebali. | (i) uvuthondaba |
| (b) Amacala amabini ayasukuzana, izibilini ziphezulu, kuf'ayayo. | (ii) ithambeka |
| (c) Izithole zempixano ziyakhula, iziganeko ziya zinyukela ngokunyukela. | (iii) inqanaba lojiyo |
| | (iv) ingabula-zigcawu |

(3)

6.2.5 Khankanya ulwazi olusixelela ukuba isimo sentlalo esivela kwesi sicatshulwa sesamaxesha okhanyo. (2)

6.2.6 Nika zibeMBINI iindidi zokuzotywa kwabalinganiswa ebalini. (2)

6.2.7 Saba yintoni isiphelo sikaMntuyedwa kweli bali? (2)

6.2.8 Ludidi luni lwebali olu? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO D: IMIBONGO

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

### UMBUZO 7: IVAMNA BAFAZI BOLUSU – Sibongile Maputi nabanye

7.1 Funda lesi sicatshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**KONAKELE PHI NA MZ’ONTSUNDU?**

Kazi yimbudumbudu ni na le iqhubekayo kweli loMzantsi?
Nkanyamba ni na le itshayela ilizwe lethu?
Kunamhlanje nje uMzantsi Afrika uyalila;
Besiba ngokuzalwa koMzantsi Afrika omtsha
Izinto ziza kutshintsha zibe ntsha.
Kuthe kanti asibhungisanga, uMtyholi uthi, ng’ong’o.
Kuphalala igazi mihla le, **zizijwili** nje;
Ubuntu kule mihla bumke nezandawana;
Mihla le ziindaba ezixhomis’amehlo
Koomabonakude noonomathotholo.
Kazi liphi na ikamva leli loMzantsi?
Ilizwe liyahlininika ziziganeko zentswela-bulungisa;
Imibutho yezopolitiko ijongene ngezikhondo zamehlo;
Inene ingqubana okweenkunzi zeegusha epalamente.
Kazi luzimele phi na uxolo olwalutyalwe nguMadiba?
Ukuphangwa kodederhu lweevenkile luthath’unyawo;
Abathengi bangena izibilini ziphezulu ezivenkileni;
Wofika bechwechwa okweekati zichwechwela iimpuku.
Sii! Hayi malindini ndiyakuqalekisa;
Sekunjenjenje kungenxa yakho kuba sikuvuzel’izinkcwe.
Izithethe namasiko namhla ayakrexezwa,
Kudluliswa umntwana kunina,
Akusenziwa ngantlonipho.
Isiko lolwaluko alisenasidima;
Ziphi na iingcibi namakhankatha ahlonele izinyanya?
Endaweni yovuyo lokuphuma kwamakhwenkwe zizililo.
Tywalandini nawe ndiyakuqalekisa,
Kuba nawe udlal’indim’enkulu kule mbudumbudu.
Tikindini ulugqibil’ulutsha lwanamhlanje-
Alunxili yeha! Luyayayatheka.
Wena mthengisi weziyobisi, wenzakala ukhab’iimviko nje!
Iintombi zeli lizwe zikhuphisana ngokukhulelwa;
Iikliniki zithe mome ziintsana noonina;
Mihla le wofika zithe qhutsu izisu, zingenaxhala;
Woo! Kazi uthini na urhulumente weli lizwe?
Inene abazali bezi ntombi beme nematha;
Kaloku ezi ntombi zithiwe jize ngamalungelo;
Wakuthetha, unyathel’inyoka emsileni.
Iinkonde neenkondekazi mazisitheliswe kusakhanya,
Zingawaboni la manyala namanyundululu aqhubekayo.
Hayi! Mandiyeke hleze kuthi kanti ndizicandela umgalagala!

7.1.1 Ivakalelwa njani imbongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

7.1.2 Nika injongo yokusetyenziswa kombuzo-buciko kumqolo woku-1 nowesi-2. (2)

7.1.3 Chonga isafobe esikumqolo wesi-3 uze uxele udidi lwaso. (2)

7.1.4 Sibhekiselele kubani isakhi esibhalwe ngqindilili kwigama, 'Be**si**ba' elikumqolo wesi-4? (1)

7.1.5 Xela umfanekiso ngqondweni oziswa ligama elibhalwe ngqindilili kumqolo wesi-7. (1)

7.1.6 Ludidi luni lombongo olu? Xhasa impendulo yakho (2)

7.1.7 Chaza isakhiwo sangaphandle salo mbongo. (2)

7.1.8 Xela ibeNYE indlela ezisasazeka ngayo iindaba ezixhomisa amehlo ngokwalo mbongo. (1)

7.1.9 Tolika okuthethwa yimiqolo ye-13 nowe-14. (2)

7.1.10 Caphula amagama amaBINI asetyenziswe ngenjongo yokunyemba kwimiqolo yowe-19, nowama-27 (2)

**[17]**

**KUNYE**

7.2 Funda esi sicatshulwa sombongo singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**UMNQAYI**

Untongani le ingazanga yabetha?
Untongani le ingalaliswayo?
Untongani le ikwazi ukuthetha?
Untongani le ingaqoqwayo?
Awufakwa ntsilathi nadalo.
Lo mnqayi usikelelekile.

Asinduku le ukuhlonipheka;
Ngobumnyama nesithozela;
Ayichathwa bhinqa nankwenkwe;
Phofu ayihlali nezinye izagweba;
Lo mnqayi uthamsanqelekile.

Amakrwala athweswa ngawe;
Khu ngokunene oobhuti abatsha.
Begcine umfaneleko nokuxabiseka;
**B**angcembe **b**ekhangele phantsi;
Ingekuko ukuthanda kodwa intlonipho
Yakho mnqayindini.

Yintoni le ityhulu ngawe,
Imicimbi oyisindlekayo inesizothe nje?
Kumangalwa ngawe kwaXhosa;
Ugodusa isisu uqhube nekhazi;
Loo madoda emva kwezo nkomo,
Awaphazami ukuphekuza ngawe.

Akufika emzini awabuzwa,
Kuyaziwa, inyewe lulwendiselwano;
Kwakubonwa wena kuthethwa ngosingaye,
Hayi inyewe yobukhozi.

Lo mnqayi undilisekile.
Ubuhlobo, uzakuzo ufombekile.
Abasweleyo nezinhanha bawukhonzile.
Intsingiselo ibubom obutsha.
Kuloo masebe ombhongisa nentsinde,
Kanti nesiphingo ukuthwasa koMdumba.

7.2.1 Lusetyenziswe ngayiphi injongo uphindaphindo lwamagama olukwisitanza soku-1 kulo mbongo? (2)

7.2.2 Tolika okuthethwa yimbongi kumqolo wesi-3. (2)

7.2.3 Khetha impendulo ibeNYE echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama 'isithozela' elikwisitanza sesi-2 lithetha into enye neli:

A isithukuthezi
B imfihlelo
C ihlazo
D isidima (1)

7.2.4 Ngokwembongi kwisitanza sesi-2 ngoobani abangenalo ilungelo lokuwuchukumisa umnqayi? (2)

7.2.5 Amakrwala akubonisa njani ukuxabiseka komnqayi ngokwakwisitanza sesi-3? Nika zibeMBINI iindlela. (2)

7.2.6 Iqaqambisa ntoni imbongi kwisitanza sesi-4? (2)

7.2.7 Xela isixhobo sesandi esibhalwe ngqindilili kulo mbongo. (1)

7.2.8 Ngqina ngeengongoma eziMBINI uluvo lokuba imbongi iyayithanda indalo. (2)

7.2.9 Ludidi luni lwesiqhamo isiphingo? Ngoobani abanokuxhamla kolu didi lwesiqhamo? (2)

7.2.10 Nika umxholo walo mbongo. (2)
**[18]**

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**